Isalathiso: 20160406-9231
IFayile : 5/8/4/1/2
Imibuzo: B le Keur

ISetyhula: 0016/2016
Umhla wokuphelelwa: 31 Matshi 2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG,* kumaSekela-Balawuli kwii-ofisi zezithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingekho phantsi kwesiqendu 21

Isishwankathelo esifutshane: *Ithuba lezikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 loku-odola ngekhompyutha izinto zokubhala nezinto zokucoca* ukulungiselela ukusetyenziswa kwazo *ngo-2017*

ISihloko: Uku-odolwa ngekhompyutha kwezinto zokubhala nezinto zokucoca kunyaka-mali ka-2016/2017 ukwenzela zonke izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21

1. Apha kwaziswa izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 ngethuba loku-odola ngekhompyutha izinto zokubhala nezinto zokucoca zazo ukususela ngowe-09 ukuya kowe-18 Meyi 2016, ukulungiselela ukusetyenziswa kwazo ngo-2017.

2. Zazazisiwe ngo-2015 izikolo ngeSetyhula 0005/2015 nangeSetyhula 0022/2015 ngeemvumelwano ezimbini ezahlukeneyo ekungenwe kuzo liSebe leMfundo leNtshona Koloni *(WCED)* nangenkqubo yoku-odola emayilandelwe ngokweemvumelwano ezikhankanyiweyo ezisebenzayo kwizikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21.

3. Kuya kubonelelwa ngesikhokelo kwi*CEMIS* sokucacisa ukuba mazifakwe yaye zisayinelwe njani na kwikhompyutha iimfuno zezinto zokubhala nezinto zokucoca.

4. ISebe i*WCED* liya kufaka ii-odolo zezinto zokubhala nezezinto zokucoca ezifunwayo egameni lezikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 kubathengisi ekungenwe kwimvumelwano nabo njengoko kucacisiwe kwiSetyhula 0005/2015.

5. Izikolo zinokufaka kwikhompyutha kuphela i-odolo yezinto *(items)* ezidweliswe kwiikhathalogu zezinto zokubhala nezezinto zokucoca, (eziqhotyoshelwe apha).

6. Kucelwa niqaphele ukuba imvumelwano yezinto zokubhala ayikuboneleli ukuthengwa nokusiwa kwephepha lokufotokopa neekhratriji zeprinta. Ezi ayithem kwakunye nezinye ii-ayithem ezingekhoyo kwiikhathalogu zezinto zokubhala nezezinto zokucoca, ziya kuthengwa ngokwahlukeneyo ngekowuteshini ezicelwe ngesistim eyi-*Integrated Procurement Solution (IPS)*. Izikolo mazingenise iirikhwizishini (*WCED 026 forms*) ngokumalunga noku kwi-ofisi ye*LTSM* ungadlulanga owe-18 Meyi 2016 ukuqinisekisa ukusiwa kwazo ngexesha.

7. Ziya kucelwa izikolo ngoko ke ukuba zisebenzise iimali zezabelo zemimiselo nemigangatho zokuthenga kulo ndawo isikolo sikuyo ukuhlawulela zonke iimfuno zazo zezinto zokubhala nezinto zokucoca. Ngako oko kubaluleke gqitha ukuba izikolo zenze izicwangciso ngobulumko ekumiseleni ukuba ziphathwa njani na iimali zazo zemimiselo nemigangatho ukuqinisekisa ukuba ikhona imali eyaneleyo yazo zonke iimfuno zazo. Ukunceda izikolo ngalo mba, amaxwebhu aqinisekisa ii-odolo namaxabiso azo, athunyelwa ezikolweni lo gama kusasingethwe ii-odolo.

8. Ziyakhuthazwa izikolo zilisebenzise eli thuba loku-odola ii-ayithem ezininzi ngaxeshanye ezizifunayo yaye ziya kulinikwa ithuba lesibini ukususela ngo-Agasti 2016, lokuba zi-odole naziphi na izinto ukulungiselela naziphi na iimfuno ezongezelelweyo ezinokuba zisekho.

9. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile setyhula kuwo onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PA VINJEVOLD
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-04-13